UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY
UPHUHLISO KUMNTU WONKE

# UMZIMVUBU NEWS

JULY-SEPTEMBER NEWS 2024 EDITION | UPHUHLISO KUMNTU WONKE

## THE MUNICIPAL DEMARCATION BOARD'S WARD DELIMITATION EDUCATION AND AWARENESS CAMPAIGN IN KWABHACA WAS A RESOUNDING SUCCESS.

**By Nomzingisi Dzingwe**







On the 11th of September 2024, the Municipal Demarcation Board (MDB) held a successful ward delimitation education and awareness campaign for the municipality of Umzimvubu, bringing together the ULM councillors, CDWs, Ward Clerks, Ward Committees, Traditional leaders, Police representatives, and members of the public. This crucial event aimed to educate stakeholders on the importance of ward delimitation in enhancing local governance and ensuring fair representation was held at KwaBhaca municipality hall.

The campaign focused on explaining the ward delimitation process, which involves redrawing the boundaries of electoral wards to balance population representation in local government elections. Representatives from the MDB highlighted how shifts in voter registration of that particular place can affect the structure of wards and the need for accurate boundary adjustments.

Municipal councillors emphasized the importance of this initiative in ensuring better service delivery, with balanced wards allowing equitable distribution of resources and fair political representation. Traditional leaders also voiced their support, stressing the need to consider the cultural and historical significance of certain areas when redrawing boundaries.

"The municipality will be responsible for providing a committee that will be responsible for the consultation process where draft wards will be configured by considering local inputs and addressing geographic barriers. The MDB will submit final ward boundaries to the IEC to prepare for the local government elections. No councillors will be allowed in this committee", said Ayanda Ntamo a delegate from municipal demarcation board.

Towards the end of this campaign the public was given a platform to ask questions and raise concerns.

In conclusion, the ward delimitation education campaign was a vital step towards promoting an informed electorate, enhancing transparency, and fostering cooperation among various stakeholders in the quest for better local governance.

UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

**UPHUHLISO KUMNTU WONKE**

# UMASIPALA WASEKUHLALENI UMZIMVUBU UVUYISANA NENKONDEKAZI EGQIBA IKHULU LEMINYAKA

**By Kwanele Nojoko**








Ngomhla weshumi kwinyanga yoMsintsi uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ebebhiyozela imini yosuku lwekhulu lokuzalwa luka Mama uMadlamini Gobo kwilali yaseMagontsini KwaBhaca.

"Silapha kwelikhaya lakwaGobo ukuzokuvuyisana nenkondekazi yelikhaya eggiba iminyaka emininzi kangaka, singumasipala sithe gqolo ukuvela kubantu abadala nanjengoko sinazo iinkqubo ezithi zijongane nkcakasana nabo. Sibone kufanelekile ukuba size ukuzokuvuyisana nalenkondekazi siyiphathele izipho kuleminyaka uThixo amphe yona ephakathi kwethu", utshilo uSivikele Mathebe nongusomlomo kulomasipala.

UNkosi uJongilizwe uthe ubone kubalulekile ukuba abe yinxalenye yokubhiyozela usuku luka makhulu uMadlamini esithi zinqabile izinto ezinje zokuba umntu afike kwiminyaka elikhulu. Uhambise ngelithi kuyafuneke ukuba ezinkondekazi neenkonde zithi zifike kuleminyaka, ixesha lazo emhlabeni lubhiyozelwe.

Ukanti umakhulu uMadlamini Gobo uvakalise uvuyo olukhulu esithi uyabulela kakhulu kuThixo nakumntu wonke owenze usuku lwakhe lokuzalwa lwabaluleka ngoluhlobo.

# LUBEYIMPUMELELO USUKU LOKUBHIYOZELA UKUFUNDA NOKUBHALA KWABHACA

**By Iviwe Makasi**







Ngomhla wesihlanu kweyoMsintsi 2024, Ithala leencwadi kwidolophu yaKwaBhaca kwakunye nomasipala wasekuhlaleni Umzimvubu belibhiyozela usuku lokufunda nokubhala elibhiyozelwa lihlabathi jikelele kwiholo yaledolophu.

Zizikolo ezilishumi elinesithathu zamabanga aphakamileyo kwakunye neeklabhu zofundo-ncwadi ezimbini zabantu abadala ebezimenyiwe kulomsitho. "sidibene apha namhlanje ukuzokugxininisa ukubaluleka kokufunda nokubhala kuluntu ingakumbi abantwana, apho abafundi bethe bakhuphisana kuhlalutyo lwencwadi yesingesi kunye neyesixhosa ze abantu abadala bakhuphisana kwisishwankathelo sencwadi", utshilo uSindisiwe Cekwana noyintloko kumathala eencwadi aphantsi komasipala wasekuhlaleni Umzimvubu.

UZanyiwe Sihoyiya nongumfundisi ntsapho kwisikolo samabanga aphakamileyo iMbodleni uthe babulela kakhulu ngolusuku nanjengoko luthi lukhuthaze abantwana ekufundeni iincwadi, kwanokubaluleka kokutyelela amathala eencwadi khona ukuze baphuhlise amava abo okuqonda nokufunda.

Ukanti uLathitha Mlenzana nothe waphumelela kwindawo yokuqala kugxeko-ncomo (literature Review) uthe uziva echulumancile kakhulu ngokuthi aphumelele namhlanje nanjengoko ebekhuphisana nabafundi abaphuma kwizikolo ezilithoba esithi oku kuyamkhuthaza ukuba aqhubeleke nokufunda iincwadii.

Kulindeleke ukuba ngomhla weshumi kweyoMsitsi abafundi bezikolo abathe baphumelela namhlanje bayokuqubisana kwinqanaba lesithili iAlfred Nzo kwidolophu yaseNtabankulu.

# KUNIKEZELWE NGONOKOTILAKHI WOFAKELO MBANE ENTELEZINI

**By Lwazi Mambafula**





Bekuyimincili kubahlali baseNtelezini kwaWard 20 kwidolophu yakwaBhaca ngethuba uSodolophu womasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uCeba Zukiswa Ndevu enikezela ngokusesikweni ngonokhontilakha ozakufakela umbane kulelali.
Ngamakhaya alikhulu neshumi elinesixhenxe (117) ekulindeleke ukuba afakelwe umbane yaye kulindeleke lomsebenzi uqhube iinyanga ezine.
Loka Ndevu uthe uyathemba ukuba abahlali kwakunye nonokhontilakha bazakuthi basebenzisane ukuqinisekisa ukuba lomsebenzi uhamba kakuhle yaye ugqitywa ngethuba.
"Siluvuyela kakhulu usuku lwanamhlanje nanjengoko nathi sizakude sibenawo umbane, iintsuku zamakhandlela zidlulile", utshilo umhlali walelali uPhumzile Xhobiso.

# UMZIMVUBU DONATES 35 TREES TO NKULISA PRIMARY SCHOOL

**By Nomzingisi Dzingwe**





In honour of the World Environmental Day, which was Observed worldwide in June, Umzimvubu Local Municipality in partnership with the Department of Forestry, Fisheries and the Environment joined the cause on the 11th of July 2024, by donating thirty-five trees, two garbage bins and plastic refuse bags to Nkulisa primary school at Lubhacweni in KwaBhaca. This school previously participated in an environmental competition late last year, walking away with R100 000.

In the thirty-five trees we have donated, there are five different kinds including the Milkwood, Spagwarm, iTyeya, uMnquma and Ngwenya trees.

All of these trees are native to the continent of Africa, and we encourage them to be preserved. We are also very proud of this school in the strides to preserve nature and the eco system at large", said Thembela Ntloko from the Department of Forestry, Fisheries and the Environment.
The principal of the school Mr Zolile Mphumanto said that they were inspired by the ULMs Go Green Campaign and that they are very grateful for the visit and the donations.

# UMASIPALA UMZIMVUBU UNIKEZELA NGONOKHONTILAKHA WOKUFAKELA UMBANE KWA-WARD 23

**By Iviwe Makhasi**







Ngomhla weshumi elinesihlanu kweyeKhala 2024, uSodolophu woMasipala wasekuhlaleni uMzimvubu uCeba Zukiswa Ndevu uthe wanikezela ngokusesikweni ngoNokhontilakha i-YakhaLungisa Engineering Service nozakuqhuba iProjekthi yokufakelwa kombane kwaWard 23 kwaBhaca.

Ngabahlali abasuka kwiilali eziquka iMdeni,Mphitshini,Qukanca,Zikeyitini ,Nabinja,Bumbane,Mpondomise ebebezokwamkela lo nokhontilakha nekungamakhaya angaphezulu kwamakhulu amathathu azakuthi axhamle koku kwakunye noMpondomise Phase1 apho kuzakuthi kugqityezelwe imizi engamashumi amabini anesixhenxe (27).

"Silapha namhlanje ukuzokunikezela ngalonokhontilakha ozakuthi aqhube le Projekthi yombani nekulindeleke uba ithathe ixesha elingangeenyanga ezilithoba. Kuluvuyo kekuthi ukuzisa lomsebenzi eluntwini nanjengoko sisazi ukuba ngaphambilana kwaye khwakhona amaginxi-ginxi sinethemba lokuba lo umsebenzi uzakuqhuba ngempumelelo nanjengoko sikwinzame zokuzisa uphuhliso kwiindawo abantu abahlala kuzo", utshilo uSodolophu waloMasipala uCeba Zukiswa Ndevu.

UKhehla Khuzwayo nonguManejala weSayithi kwi- YakhaLungisa Engineering Service uyewacela ebongoza ubambiswano kubahlali khona ukuze lomsebenzi ugqitywe kwangethuba ethembisa ngokuba bazokujonga umsebenzi abanawo khona ukuze bakwazi ukuveza amathuba emisebenzi anokongezwa kubahlali bezingingqi.

Ukanti ongumhlali uXoliswa Putela uthe bayakuvuyela kakhulu oku ekwathembisa ngelithi bazakuphithizela bazame ukugada izixhobo zokwakha bebambisene bengabahlali ukwenzele iqhube ngempumelelo iProjekthi nanjengoko bewunxanelwe lombane.

# THE UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY HELD AN EXTENDED COMMUNITY SAFETY FORUM

**By Iviwe Makasi**







To combat the rising crime rates, On 17th July 2024 the Umzimvubu Local Municipality conducted an Extended Community Safety Forum and Workshop at KwaBhaca Town Hall.

This program led by Cllr Ndanele Mdzinwa, the Portfolio Head for Citizen and Community Services department was honoured by the Alfred Nzo District Municipality, District and Provincial Community Safety Departments, Department of Education, Department of Health, Department of Sports Recreation Arts and Culture, South African Police Services, Taxi Association, Correctional Services, Traditional Leaders, SAPS Stock Theft, COGTA, Transport, SASSA, Youth in Africa, NPA, Council of Churches, and SALGA.

It sought to find solutions to stock theft, robbery, hijacking, gender-based violence, drug and substance abuse and other problems in our community.

"We are conducting this Extended Community Safety Forum and Workshop because we saw the rise in violence and crime in our community, and it is not safe. As we begin the 2024/2025 financial year, we are determined to do better in finding ways to keep our community safe and free from crime and violence", said Dr Khethiwe Tshazi-Dlamini the Senior Manager for Citizen and Community Services Department.

The program's expected outcomes were the deeper understanding on causes of unsafe environment in the society, strategies to combat acts of crime and corruption, the commitment of public/private partnership on economic stimulation at Umzimvubu and lastly the revival of safety forums at Umzimvubu and across the District of Alfred Nzo.

# BEKUYIMINCILI KOSOMASHISHINI BASEMAXESIBENI NGETHUBA BEFUMANA IZINTSHIXO ZABO ZEZINDLU ZOKUTHENGISELA ( IHAWKER STALLS)

**By Nomzingisi Dzingwe**







Ngomhla wamashumi amabini anesixhenxe kweyeKhala 2024, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ngokukhokhelwa nguSodolophu walomasipala uCllr Zukiswa Ndevu uthe wanikezela ngokusesikweni ngezintshixo zezindlu zokuthengisela (Hawker Stalls) kosomashishini abasakhulayo kwidolophu yaseMaXesibeni.
Oku kulandela ukuvulwa ngokusesikweni kwesisakhiwo ngumphathiswa weSebe leZimali, uPhuhliso loqoqosho, okusiNgqongileyo kunye noKhenketho eMpumakoloni uMnu. Mlungisi Mvoko ebutsheni balonyaka.
"Injongo yokuba kwakhiwe ezizindlu kukunika osomashishini iindawo ezikhuselekileyo zokusebenzela kwanokuphucula uqoqosho lwalomasipala. Ukanti ngabantu abangaphaya kwamashumi asibhozo abazokuxhamla kwesisakhiwo, utshilo uSodolophu walomasipala uCllr Ndevu.

Usomashishini osakhulayo owenza iinzipho uBhanekazi Sheyi uthe uvuya kakhulu ngokufumana indawo ekumgangatho ophakamileyo yokusebenzela yaye uyakholwa ukuba neshishini lakhe lizokukhula nanjengoko enendawo esisigxina azokuthi asebenzele kuyo.

# UMASIPALA WASEKUHLALENI UMZIMVUBU UCHITHE IMIZUZU ENGAMA-67 YOSUKU LUKAMANDELA KWIZIKO LENKULISA INOXOLO PRE-SCHOOL ENGXABAXHA.

**By Nomzingisi Dzingwe**







Ukusonga inyanga yegqala lomzabalazo uTata uNelson Mandela, ngomhla wamashumi amathathu ananye kweyeKhala 2024, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uthe wandwendwela iziko lenkulisa I Noxolo Pre-School kwilali yase Ngxabaxha KwaBhaca, nalapho uthe wachithela khona imizuzu engama-67 yosuku luka Madiba.

Nanjengoko kulonyaka olusuku belubhiyozelwa phantsi komxholo othi "Uphuhliso lwabantwana abaselula, ukhuseleko lokutya kunye nezixeko ezinobulungisa", lomasipala uthe wapeyinta eliziko ze wanikezela ngezixhobo zokufundisa eziquka iitafile ezilishumi elinesihlanu, izitulo ezingamashumi amathathu, amacango amabini kwakunye nezinto zokudlala nokufundisa.
"Singumasipala sibone kubalulekile ukuba sibeyinxalenye yokubhiyozela I Mandela Day, kwaye sizokuhlaziya eliziko elalikhiwe ngulomasipala ngonyaka ka 2003, yaye sikhuthaza uluntu ukuba luphose isandla nakubani na odinga uncedo", utshilo obemele usodolophu uCeba Carol Mnyayiza
Inqununu yeliziko uNolitha Mzotsho uthe balonwabe kakhulu olutyelelo nanjengoko umasipala ethe wabathi-jize ngezona zinto bazidingayo ukuqinisekisa ukuba baqhuba kakuhle ngaphandle kwamagingxigingxi.

# UMASIPALA WOMZIMVUBU EBAMBISENE NAMAKHOSI AKWABHACA BABHIYOZELE INYANGA YAMAGUGU NENKCUBEKO KWIDOLOPHU YAKWABHACA EMADZIKANE KA ZULU MEMORIAL SITE

**By Kwanele Nojoko**







Ngomhla wamashumi amabini anesixhenxe kweyoMsintsi 2024 iMadzikane ka Zulu (Royal Council) ngokubambisane nomasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ithe yasingatha umsitho wokuqukumbela inyanga yamaGugu neNkcubeko eMadzikane kaZulu Memorial Site kwidolophu yaKwaBhaca.

Injongo yalomsitho kukugcina inkcubeko kwanembali yesizwe sakwaBhaca, ukuze lembali ihlale ikhunjulwa kwizizukulwana ngezizukulwana zesisizwe samaBhaca

Obengusodolophu wosuku uCeba Ntombizandile Garane uthe olusuku maluthathelwe ingqalelo luluntu luphela kuba lufundisa abantwana amasiko, inkcubeko kwakunyeneendlela zokuziphatha. Uphinde wagxininisa ngelithi nanjengoko iintombi zesiSizwe zihlolwa ngokunjalo makuvuselelwe ngotata iintsizwa ezizakuthi ziqeqeshwe ngendlela yokuziphatha ukuze kubekho inkqubela kwanomzila omhle ozoshiyeka kwizizukulwana ngezizukulwana.

# UMPHATHISWA WESEBE LOKUHLALISWA NOKUZINZISWA KOLUNTU EMPUMAKOLONI UNKOSIKAZI SIPHOKAZI LUSITHI UTHE WANIKEZELA NGOKUSESIKWENI NGEZITSHIXO ZEZINDLU KUBAHLALI BAKWA WARD 26, EMAXESIBENI.

**By Lwazi Mambafula**







Ngomhla wamashumi amathathu nanye kweyeKhala 2024, umphathiswa weSebe lokuHlaliswa noZinziswa koluntu eMpumakoloni uNkosikazi Siphokazi Lusithi uthe wanikezela ngokusesikweni ngezitshixo zezindlu kubahlali bakwa Ward 26, eMaXesibeni.

Ngamakhaya alikhulu elinamashumi amabini (120) athe afumana izindlu namhlanje. Kule projekthi esaqhubayo kulindeleke ukuba zibengaphaya kwamakhulu amathathu (362) izindlu ezizokokhiwa kulelali yaseCabazana.

"Silapha singurhulumente ukufezekisa isithembiso sokutshintsha ubomi babantu ingakumbi abo bahlala emaphandleni, abo bangathathi ntweni, nabantu abadala nabo baphila nenkubazeko ngokuthi babenendawo ezifudumeleyo ezisemgangathweni zokuhlala", uphefumle watsho lo kaLusithi.

Kwizinto ebeziphethwe ngurhulumente ziquka ifenitsha, imithi etyalwayo kunye neepasela zokutya nezithe zafunyanwa ngawona makhaya ahlelekileyo ngokocwaningo lweSebe uSocial Development.

"Ndiziva ndichulumance kakhulu ngolusuku lwanamhlanje kuba ekhaya ngoku sinendlu, mna nabantwana abathathu basekhaya besihlala kwindlu eyokhiwe ngodaka nethi ivuze xa kunetha kodwa namhlanje sizolala kwindlu yezitena sifumene okushushu okuyaphantsi kwempumlo" la ngamazwi kaMandisa Mlonzi ongasenabazali nohlala kunye nabantakwabo. Le projekthi ixabisa imali engage R62 Million kulindeleke ukuba iyagqitywa ngonyaka ka 2026.

# OFFICIAL HAND OVER OF ZWELIHLANGENE PRIMARY SCHOOL.

**By Khaya Tshongwe**








On the 31st of July, 2024, the MEC of Education, Hon. FD Gade, officially handed over Zwelihlangene Primary School in Ward 25, KwaBhaca. This school was constructed under the ASIDI Project, an initiative aimed at addressing the infrastructure backlog in various provinces. Through ASIDI, 168 schools have been built in the Eastern Cape out of the 200 constructed nationwide.

Hon. Gade highlighted that ASIDI's strategic focus was to eliminate mud structures, which were particularly prevalent in the former Transkei area. Zwelihlangene Primary School benefited from this project, built by the DBSA at a cost of R35 million, and completed in March 2023. The school now boasts a Science Laboratory and a Media Centre to enhance the education of its young learners.

MEC Gade emphasized the national challenge of ensuring that children can read and write effectively. The Media Centre at Zwelihlangene is part of the effort to improve comprehension and conceptual understanding in education. The Department of Education aims to provide children with dignified learning environments, replacing mud structures with modern facilities. One of the key goals of the Basic Education sector is to eradicate pit toilets, given their associated dangers. The Eastern Cape Province is working to stabilize and consolidate its school system and calls on the public to preserve this significant investment. The Provincial Government, under the Premier's instruction, is implementing a strategy to showcase completed infrastructure projects, culminating in a major event where the Premier will outline provincial priorities.

The Acting Mayor of Umzimvubu Local Municipality, Cllr. Inga Nodali, urged the community to protect their new school from vandalism. He expressed hope that the school would be well-maintained for the benefit of future generations. The Mayor of Ntabankulu Local Municipality, Cllr. T Sobuthongo, also attended the event, highlighting the collaboration between municipalities for mutual benefit.

The Principal of Zwelihlangene Primary School, Ms. S Myeki, expressed her gratitude, recalling the difficult days of teaching under trees and in mud structures. The new infrastructure has brought immense joy and motivation to both students and teachers. The school now serves children from Grade R to Grade 7, with increased attendance and enthusiasm.

SGB Chairperson, Ms. T Njiva, reiterated the community's commitment to taking care of their school. She echoed the Principal's sentiments about the previous struggles and thanked the Provincial Government for their innovative solution.

The EC Department of Education also donated 100 pairs of shoes to the children of Zwelihlangene Primary School, further supporting their educational journey.

# Abahlali belali yase Mbodleni KwaBhaca bathe banenyweba yokuziselwa intetho yobume bePhondo leMpuma Koloni kusetyenziswa ubuxhaka-xhaka balemihla.

**By Nomzingisi Dzingwe**







Ngomhla wokuqala KweyeThupha 2024, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uthe wazisa usasazo ngqo lwentetho yeNkulumbuso yephondo leMpuma Koloni uOscar Mabuyane yobume bephondo esebenzisa ubuxhaka xhaka balemihla kwiholo yoluntu iDukuza kaDabula eMbodleni kwidolophu yakwaBhaca .

Kulenkqubo bekukho isebe lezempilo lizise iinkonzo zalo kuluntu lwalelali.

uCeba walelali uSolam Faye uthe inkqubo yolusuku iye yayimpumelelo nanjengoko abahlali baye bafumana ithuba lokuzivela izinto inkulumbuso ibicangcatha phezukwazo bafumana neenkonzo kwisebe lezempilo.

" Silonwabele kakhulu olusuku, ingakumbi singazange sibenayo inkqubo efana nalena, apho besizibukelele intetho kamphathiswa ngethuba esenza izicwangciso zokuphuhliso iphondo lethu", utshilo omnye wabahlali obeyinxalenye yalenkqubo uMakhosavumile Mphakathi.

# UMASIPALA WASEKUHLALENI UMZIMVUBU UBHIYOZELA INYANGA YOOMAMA KWIHOLO YASESAPHUKANDUKU

By Iviwe Makasi





Ukusonga Inyanga yoomama, ngomhla wamashumi amathathu kweYethupha 2024, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu uthe wabamba ingxoxo yabahlali ngelokubhiyozela lenyanga phantsi komxholo othi "Celebrating 30 years of Democracy Towards Women development", kwiholo lasekuhlaleni iSaphukanduku kwidolophu yaseMaXesibeni.

Lomsitho ubuzinyaswe ngoomama abasuka kwiimbombo zone zalomasipala kwakunye namasebe ohlukeneyo aquka uDSRAC, uSASSA, iMetropolitan kunye naboNcedo lokuqala kwezempilo.

"Silapha namhlanje sizokushukuxa imiba etya abasetyhini equka ubundlobongela obusekelezelwe kumanina, sabelane ngamava kunye nangeendawo esingancedeka kuzo. Sikwabhiyozela negalelo lamanina kwiindawo esihlala kuzo",utshilo uSodolophu wosuku uCllr Garane.

Lomasipala uwuvale lomsitho ngokuthi anikezele ngomatshini wokuthunga kwiprojekthi yomama baseRode, ze waphinda wanikezela ngamabhaso koomama ebebezimase lomsitho.

Umama uSiziwe Jojozi osuka kwiprojekthi yomama baseRode kwa Ward 11, uthe balonwabele kakhulu usuku lwanamhlanje ingakumbi isipho somatshini wokuthunga abathe basifumana.

# UMZIMVUBU UNIKEZELE NGONOKHONTILAKA WOKWAKHA IBALA LEZEMIDLALO ESIRHOQOBENI.

BY: IVIWE MAKHASI





Namhlanje umhla wokuqala kweyeDwarha 2024, uMasipala wasekuhlaleni uMzimvubu uthe wanikezela ngokusesikweni ngonokhontilaka uSicelo Business Consultancy nozakuqhuba iProjekthi yokwakhiwa kwebala lezemidlalo iSirhoqobeni Sportfield eMaxesibeni. Elibala lezemidlalo yintlanganisela yeewadi ezintathu eziquka uWard 5, 6 kunye no8. "Silapha kulendawo yaseSirhoqobeni namhlanje ukuzakunikezela ngonokhontilaka ozakuthi aqhube iprojekthi yokokha ibala lezemidlalo kulendawo. Kuluvuyo kekuthi kuba elibala lizakuthi lenze ulutsha lwalendawo luxakeke yimidlalo kwaye luzikhwebule nakwizinto ezingahambisani nomthetho", utshilo uSodolophu walomasipala uCeba Zukiswa Ndevu. Ongumntu omtsha uLubabalo Ntselekile uchaze indawo yaseSirhoqobeni njengendawo enengxaki yokungabinawo amabala ezemidlalo esithi kuluvuyo kakhulu kubo ukubona ukuba lengxaki izakuphela kungekudala. Uhambise ngelithi unethemba lokuba ibala eli lizakwenziwa ngokwesicelo sabo kwaye liqqitywe ngempumelelo. Ukanti kulindeleke ukuba le projekthi yokokhiwa kwelibala ithabathe ixesha elingangeenyanga ezintandathu kwaye ngamathuba emisebenzi aqikelelwa kwishumi azakuthi avuleke ngelixesha lokokhiwa kwalo.

